
# Iminqweno kaLingcwele

## Imibuzo phambi kokufunda


1. Jonga umfanekiso utsho ukuba kuza kuthethwa ngantoni kweli bali?
2. Wakhe wazibona izixhobo zerobhothi?



EXTRACT PAGES

Malume! Usiphazamise kanye xa ndimbalisela ngemini apho esikolweni sacelwa ukuba sibhale imihlathi emibini malunga nale nto sifuna ukuba yiyo xa sibadala.

Bacelwa ukuba benze ntoni abafundi esikolweni?


EXTRACT PAGES

Injineli isebenza ngerobhothi.

Inokuba yeyiphi eminye imisebenzi yeenjineli?



EXTRACT PAGES


"He, mtshana! Khawutsho ziirhobhoti ozazelaphi ezi undixelela ngazo?" ubuzile umalume. Kaloku phaya esikolweni siqale isifundo entsha esibizwa ngokuba yiKhowudingi neRobhothiksi. Esi sisifundo esijonge ukufundisa thina ngezi zakhono: ezekhompyutha, ezokuqulunqa nokwakha izixhobo ezizihambelayo.

Baqale esiphi isifundo?


4. ukusebenzisana nabanye abantu nokufaka inkqubo echanekileyo.
5. ukusakha ukwenzela ukuba sikwazi ukwenza umsebenzi eziwudalelweyo.

Ukuba wakha irobhothi esisixhobo sokunika abantu amayeza neepilisi zabo. Kufuneka uyinike irobhothi imiqathango yokuba mayihambe imitsi emingaphi xa isiya kulo mntu ogulayo. Kufuneka ixelelwe nokuba ukweliphi icala.

EXTRACT PAGES



Uyinika imiqathango yantoni irobhothi?



EXTRACT PAGES

Xa sisakha izixhobo kufuneka sithathe isigqibo siliqela. Utitshalakazi undiqaphele ukuba ndinaso isakhono sobunkokheli. Elam iqela ebendilikhokhele laphuma emagqabini kukhuphiswano ebesinalo lokwakha iirobhothi.


Utitshalakazi uqaphele ntoni?



Umyalelo uthe masakhe irobhothi engaba ngumtshayelo iphinde ikorobhe endlwini. Ndiye ndabonisa kwakhona izakhono zokukwazi ukucinga nzulu nokusebenzisana kakuhle nabantu. Nalapho ndiphume emagqabini kuba senza irobhothi ekwaziyo ukwenza le nto siyifunayo.

Umyalelo katitshala wawusithini?


EXTRACT PAGES



“Uyazi njani yonke le nto?” Ubuze watsho umalume umbona ukuba iyamothusa le nto ichazwe ngumtshana wakhe. “Kaloku malume sifunda ngeemilo, imibala neziBalo,” uphendule watsho uLingcwele.

EXTRACT PAGES

Bafunda ngeemilo, imibala neziB_____.  Gqibezela.




AyizoziBalo zodwa ezindincedisayo ukwazi ukwakha le robhothi. Uphinde ufunde ulwimi. Iyandincedisa kakhulu into yokukwazi ukuxoxa nokunxibelelana ngendlela eyiyo nevakalayo neqela lam. Xa sisakha irobhothi siba ngamaqela. Kwelethu iqela sisebenza sibane kwaye elowo nalowo unomsebenzi wakhe. Ezi zifundo zonke sizenza kweli banga lam zindincedile kakhulu.

Bangaphi abafundi eqeleni xa besakha irobhothi?



EXTRACT PAGES



EXTRACT PAGES

Malume ndibonile ukuba akukho lula ukuba yinjineli. Ingakumbi eli cala lam ndilifunayo. Ndimcelile umama ukuba andincedise ukuze ndifezekise iphupha lam. Mhlawumbi malume kuzakufuneka ndifumane ibhasari yokuya kufunda phesheya eChina.

Liyintoni iphupha likaLingcwele?



"Jonga ke ntombi yam, mna andikukhuthazi ukuba uye eChina. Zixelele ukuba uza kuphumelela apha eMzantsi Afrika. Ngokuya iminyaka ihamba, nobuchwephesha balamaxesha buza kuya buphucuke," utsho emkhuthaza umalume. "Kulungile malume, ndiyakuva," utshilo uLingcwele.

EXTRACT PAGES

Wamkhuthaza ngelithini umalume uLingcwele?

# Umhlaba bubutyebi

## Imibuzo phambi kokufunda


1. Jonga umfanekiso ongezantsi, ucinga ukuba ibali liza kiuthetha ngantoni?
2. Isihloko sebali sithetha ntoni kuwe?



EXTRACT PAGES

Kwilali yaseMamangweni utata uMaduna ufundisa abantwana bakhe indlela yokuphila. Unamawele akhe u-Asha no-Andrew. Yonke imihla bafundiswa nguyise ukuphila. Umama wabo uLikhangele yena uvuka aye kuthengisa esitendini kwisitophu salapha esikhulu.

Utata uMaduna ubafundisa ntoni abantwana bakhe?



EXTRACT PAGES

Umama kuba ebazi ukuba bangalala bangayiva i-alarm ikhala. Babefana nje ngokonqena ukuvuka xa kufuneka kuyiwe esikolweni. Bavukile bondlula iibhedi zabo besebuthongweni. Bakhawulezile ukulungisa bahamba nabanye abantwana ukuya esikolweni.

Amawele ayevuswa yintoni rhoqo?



Ngamawele am la, ndiyawathanda kuba akhuthele nawo ngathi awanaminyaka isibhozo. Indlela abazinikela ngayo emsebenzini abawunikiweyo kungathi basebenzela ukubhatalwa.

Tata baza kubuya uphi namhlanje? Mna ndiza kubuya emva kwemini.





Ndiza kuba lapha kule gadi. Ndicela nobathathu xa nibuyayo nize kundincedisa.

Ucinga ukuba ngoobani aba babini abathethayo?

EXTRACT PAGES



Ndiza kulungisa umhlaba, kufuneka ulungele ukuba kutyalwe ezaa zithole zitsha zesipinatshi.



Kulungile tata ndiza kubayalela ukuba banxibe iigambhutsi zabo xa bebuya esikolweni size kuwe.



Abantwana bethu kufuneka bayazi ukuba umhlaba bubutyebi.



Elona lifa lokuqala nelokugqibela tata ngulo msebenzi ubafundisa wona.

EXTRACT PAGES

Utata uthi uza kulungisa ntoni?

